IsiXhosa

Travellers Leaflet

Follow us on

SARS
At Your Service

Yintoni ekufuneka uyichaze?

Nabani na ongenayo okanye ophumayo kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika ufanele ngokukhululekileyo achaze:

- Zonke iimpahla (kuquka iimpahla zomnye umntu) ezikuye okanye izinto anazo azithenge okanye ezifunyanwe phesheya okanye nayiphi na inqanawa, imoto okanye nayiphi na ivenkile ethengisa iimpahla ezingakhange zihlawulelwe; zatshintshwa, zaqosheliswa okanye zalungiswa phesheya, xa zifika.
- Iimpahla ezalelweyo, ezithintelweyo okanye ezilawulwa phantsi kwawo nawuphi na umthetho
- Iimpahla ebekufuneka zichazwe ngaphambi kokuhamba kwiRiphabliki.

Ngaphambi kokuhamba, zonke iimpahla umhambi ahamba nazo ukudlula kwimida yeRiphabliki, kuquka iimpahla:

- Eziphathelwe omnye umntu
- Eziza kutshintshwa, ziqosheliswe okanye zilungiswe phesheya
- Ezalelweyo, ezithintelweyo okanye ezilawulwa phantsi kwawo nawuphi na umthetho
- Iimpahla umntu, ongena okwexeshana kwiRiphabliki, ebekufuneka azichaze xa engena kwiRiphabliki.

Abahambi bamele xa becelwa liGosa leZiko leRhafu, banike elo gosa onke amaxwebhu aphathelele ezo mpahla njengeinvoyisi, amaxwebhu othutho, ubungqina bokuba zithengiwe, ileta yokugunyazisa kunye naziphi na iimvume eziphathelele ezo mpahla. Ngapha koko, abahambi bamele baphendule ngokupheleleyo yaye nangokunyaniseka yonke imibuzo ebhekiswa kubo lelo gosa yaye, ukuba elo gosa lifuna njalo, uvelise uze uvule ezo mpahla ukuze zihlolwe lelo gosa, yaye ufanele uhlawule uxanduva kunye neerhafu ezifunwa lelo gosa, ukuba zikhona.

Ziintoni ongazihlawuleliyo?

Izinto ongazihlawuleliyo zisebenza kwiimpahla zobuqu okanye ezichazwe njengezipho kwiibhegi zabahambi ezichaziweyo kubahlali ababuyayo kunye nabantu abangengobahlali abatyelele iRiphabliki.

Ezi mpahla zilandelayo zingenayo zichazwe ngabahambi kwiibhegi zabo zisenokungahlawuli irhafu yokungenisa kunye Nomgangatho Werhafu Edityanisiweyo (VAT):

- Iimpahla ezintsha okanye ezisebenzileyo zexabiso elingadluli kwii-R5 000 kumntu ngamnye
- Iwayini engadluli kwiilitha ezi-2 umntu ngamnye
- Iibhotile zegranga nezinye zotywala, isimbuku esingadluliyo kwilitha e-1 umntu ngamnye
- Ii-entyi ezingadluliyo kuma--200 kunye neesiga ezingadluliyo kuma-20 umntu ngamnye
- I-250 g ye-entyi okanye icuba lenqawa umntu ngamnye
- Iziqholo ezingadlulileyo kwi-50 ml kunye ne-eau de toilette engadluliyo i-250 ml umntu ngamnye.

Iwayini, igranga kunye nezinye iibhotile zotywala, iimveliso zecuba kunye neziqholo ezingenayo ngezixa ezichaziweyo ezikhulu zimele zikhululwe ngexabiso loxanduva elichazwe kuCwangciso No.1 (“Irhafu”) kuMthetho No. 91 ka-1964 Weziko Lerhafu kunye Nokusebenza. Ezi mpahla zichaziweyo ngasentla ngokuqhelekileyo kubhekiselwa kuzo njengezithengiweyo okanye ezobunewunewu yaye ixabiso loxanduva linokuba phezulu ukuba abahambi bazidlulile ezo zixa zingasentla yaye zimele zikhululwe ezo zixa kuze kuhlawulwe uxanduva lokungenisa ngexabiso loxanduva oluchazwe kwirhafu.

Kwanokuba iimpahla zithengwe kwivenkile enganyanzelekanga ukuhlawula irhafu, intlawulo yoxanduva isasebenza xa ufika.

Qaphela: Uxanduva lokungahlawuli lusebenza kwiimpahla ezintsha okanye ezisetyenzisiweyo zomntu ezixabisa ii-R5 000, lusebenza kuxanduva olongezelelweyo lokungahlawuli kwiimpahla ezithengiweyo.

Lithini ixabiso lakho lohlolisiso eliphantsi?

- Ukuba uneempahla ezii-R5 000 zesibonelelo sokungahlawuli rhafu kodwa ezingadluliyo kwii-R20 000, unako ukuhlawula irhafu kwixabiso loxanduva olupheleleyo olungaphantsi kwe-20% (ixabiso eliphantsi) nokungahlawuli i-VAT kunokuchaza iimpahla kuxanduva lamaxabiso achazwe kuCwangciso No. 1 (“irhafu”) kuMthetho No. 91 ka-1964 Weziko Lerhafu kunye Nokusebenza
- Iimpahla ezidlula ii-R20 000 uhlolisiso lwexabiso eliphantsi, luhlawula uxanduva lokungena kunye ne-VAT ngokweNkqubo Evumelanayo echaziweyo kunye neyemeko echaza iimpahla.

Imiba yokungahlawuli uxanduva:

- Ukungahlawuli uxanduva kuyelelene kwiimpahla ezintsha okanye ezisetyenzisiweyo kuvumeleke kuphela xa umntu ebudeni beentsuku ezingama-30, ukulandela ukungabikho okungaphantsi kweeyure ezingama-48 eMzantsi Afrika
- Uhlolisiso lwexabiso eliphantsi luvumeleke kuphela ebudeni beentsuku ezingama-30 yaye aluyi kusebenza kwiimpahla ezingeniswe ngumntu obuye emva ngemva kokungabikho iiyure ezingaphantsi ezingama-48
- Ukungahlawuli uxanduva kuyelelene kwiwayini, kwigranga kunye nezinye iibhotile zotywala, iimveliso zecuba kunye neziqholo kuvumele kuphela xa umntu ngamnye ekwiintsuku ezingama-30, ukulandela ukungabikho okungaphantsi kweeyure ezingama-48 eMzantsi Afrika
- Iimpahla zimele zithwalwe zihambe neebhegi
- Imali yecuba okanye yebhotile zotywala ayisebenzi kubantu abangaphantsi kweminyaka eli-18.

Kuthekanti ngezinto ezenziwe ngezandla?

- Abahambi banokungenisa izinto ezenziwe ngezandla ngofele, uboya, iplasitiki, amatye okanye iglasi ezimalunga 25kg ngeenjongo zentengiselwano ngaphandle kokuhlawula uxanduva okanye irhafu.

Yeyiphi impahla engena okwexeshana?

Usenokufunwa ufake imali njengokhuseleko ukuze ugubungele uxanduva lokungena okanye i-VAT kwizinto ezithile ezingeniswe okwexeshana. Imbuyekezo yakho iya kuhlawulwa ngemva kwesiqinisekiso sokuba ezo mpahla zihambile elizweni.

Ukuze ubone Customs external Policy Traveller Processing SC-PA-01-11 tyelela iphepha Lerhafu kwiwebhusayithi ye-SARS ethi www.sars.gov.za.

Iimpahla ezithintelweyo kunye nezalelweyo

- I-SARS imisela izithintelo kunye nezalelo ezithile imela amasebe amaninzi karhulumente, amaziko kunye namaqumrhu
- Ukuthintela kuthetha ukuba iimpahla azivunyelwanga ukungena okanye ukuphuma eMzantsi Afrika
- Ukwalela kuthetha ukuba iimpahla zivunyelwe ukungena okanye ukuphuma eMzantsi Afrika phantsi kweemeko ezithile umzekelo kufuneka imvume okanye isatifikethi.

Ukuze ubone uluhlu “Prohibited and restricted goods SC-CC-32”, tyelela iphepha Lweziko Lerhafu kwiwebhusayithi ye-SARS ethi www.sars.gov.za.

Qaphela: Abarhwebi kunye Nabahambi bamele bazi umthetho Umthetho No. 37 Weempahla Zomgunyathi ka-1997, ochaza ukuba iimpahla ezenziwe ngomgangatho ophantsi okanye ezithengiswa phantsi kwenye ibrendi, ngaphandle kwemvume yomnini webrendi, oko kukwaphula umthetho apho umntu yaye/okanye iinkqubo zokwaphula umthetho zinokwenzeka nxamnye nomoni.

Izithintelo zemali

- Umhambi uvumelekile ukuchaza yaye aphathe ii-R25 000 / ayisikelwanga mda imali yamanye amazwe, enoba uyaphuma okanye uyangena.
- Umhambi ufanele achaze enoba okanye kuye unawo nawaphi ana amaphepha emali, igolide, izinto ezigciniweyo okanye imali yamanye amazwe; aze avelise nawaphi na amaphepha ebhanki, igolide, izinto ezigciniweyo okanye imali yamanye amazwe anayo kuye
-
- Amaphepha ebhanki oMzantsi Afrika awasikelwanga mda ukuba umhambi uya / uvela kwilizwe Lendawo Lemali Eqhelekileyo (CMA)
- Abahambi bacetyiswa ukuba baqhagamshele Ibhanki Enguvimba YoMzantsi Afrika ukuze bafumane imvume ngaphambi kokuhamba nemali ukuwela imida yoMzantsi Afrika
- Nangona kungekho salelo esisemthethweni semali onokuyiphatha kwinqwelo-moya, ukuba uya kumazwe ehlabathi umele uchaze imali engaphezu kwee-$10,000 kwifomu yakho yerhafu, yaye ulungele udliwano-ndlebe neziko lerhafu okanye amagosa omthetho ukuze ucacise ngemali onayo kuwe.

Southern African Customs Union (SACU)

Amazwe awela ngaphantsi kwe-Southern African Customs Union (SACU) nanga Lesotho, Namibia, South Africa, Botswana kunye Eswatini.

Abahambi kumazwe angamalungu e-SACU awahlawuli uxanduva lwerhafu lokungenisa yaye abayihlawuli i-VAT kwiimpahla ezixabisa ii-R5 000.

Ndiyibhalisela nini ikhowudi yerhafu?

- Ngaphambi kokuba iimpahla zithunyelwe okanye zingeniswe, i-SARS isenokufuna umntu okanye ishishini libe nemvume okanye libhalise ngaphambi kokwenza nawuphi na umsebenzi ngokuyalelwa nguMthetho
- Umntu, kuquka umhambi, othumela okanye angenise iimpahla ezinexabiso elifunekayo ukuba lichazwe lingaphantsi kwee-R150 000 ebudeni bonyaka wekhalenda liqukiwe kwiimfuno eziqhelekileyo zobhaliso.

Abantu abangaqukwanga kwiimfuno zobhaliso basenokusebenzisa ikhowudi yobhaliso ethi 70707070 ngokuxhomekeke kule miba ilandelayo:

- Ungumntu wemvelo
- Ungenisa iimpahla ezisetyenziswa kwikhaya, ukuthumela okwexeshana okanye ukuthumela ngaphandle
- Kuboniswe kwindawo enikelweyo kumthetho wokungena okanye ifomu yokuchaza yakhe:
    - Inombolo yembekiselo yomhlawuli werhafu Yeenkonzo Zerhafu ZoMzantsi Afrika; okanye
    - Inombolo yoxwebhu lwesazisi YoMzantsi Afrika, kwimeko yommi woMzantsi Afrika okanye kummi osisigxina weRiphabliki, okanye inombolo yoxwebhu lwephasipothi kwimeko yomntu ongenguye ummi woMzantsi Afrika nomhlali osisigxina.

Ukuze ubhalisele ikhowudi kwiziko lerhafu

- Umele uzalise i-DA 185: ifomu Yesicelo: Registration /Licensing of Customs and Excise kweeklayenti, kunye namaxwebhu axhasa i-DA 185; okanye
- Usebenzise Inkqubo Yobhalisa Ye-Elektroniki uze uzalise iveshini ye-intanethi lwe-DA185 kunye Namaxwebhu axhasayo afanelekileyo kwi-intanethi.
- Nceda ubhekisele kwiiNkqubo Zangaphandle ezilandelayo apha www.sars.gov.za:
    - Customs Registration, Licensing and Designation SC-CF-19
    - Excise Licensing and Registration SE-LR-02.

Imbuyekezo yerhafu kokuthengwe ngababatyeleli

Umgangatho Werhafu Edityanisiweyo (VAT) yi-15% efakiweyo kwiimpahla ezininzi eMzantsi Afrika. Abakhenkethi kunye nabatyeleli bamanye amazwe eMzantsi Afrika banokufaka izicelo kwiindawo zokuhamba zembuyekezo yokuhlawula i-VAT. Ii-invoyisi zerhafu/ubungqina bentlawulo zezinto ezithengiweyo yaye neempahla zimele ziboniswe ukuze zihlolwe kwindawo yokuphuma.

Kwenzeka ntoni xa ndingathobeli iimfuneko zeziko lerhafu?

I-SARS izimisele ekufundiseni yaye nasekwaziseni abarhwebi ngoxanduva lwabo lwerhafu ngeendlela ezahlukeneyo zongenelelo, ukuze ikuncede ukwazi ukugcina imiba yakho yerhafu ngendlela. Abarhwebi abaye bafunyaniswa bengathobeli baya kuwela ngaphantsi koMthetho No. 91 Welungiselelo Lesohlwayo Leziko Lerhafu kunye Nokusebenza ka-1964 (Penal Provisions of the Customs and Excise Act), equka isohlwayo okanye ukutshutshiselwa ukwaphula umthetho.

DISCLAIMER: The information contained in this leaflet is intended as guidance only and is not considered to be a legal reference, nor is it a binding ruling. The information does not take the place of legislation and readers who are in doubt regarding any aspect of the information displayed in the leaflet should refer to the relevant legislation, or seek a formal opinion from a suitably qualified individual.

Ngenkcazelo engakumbi unako -

- Ukutyelela iphepha Leziko Lerhafu kunye Nokusebenza kwiwebhusayithi ye-SARS ethi www.sars.gov.za.
- Ukufowunela SARS Contact Centre
    - Ukuba ufowunela ekuhlaleni, apha 0800 00 7277
    - Ukuba ufowunela phesheya, apha +27 11 602 2093 (kuphela phakathi kuka-8 kusasa yaye no-4 emva kwemini ngexesha loMzantsi Afrika)
    -

March 2021